

MEYI 2016

**24-hour Emergency Fire Brigade** 028 313 8000/8111  
028 312 2400

# Bulletin

**Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni**

## UKUTHENGA/UKUTHENGISA UMHLABA

**UNGAZENZELI INTLOKO EBUHLUNGU NGENTO ONOKUYISOMBULULA: SEBENZISANA NESEBE LEZAKHIWO LASEOVERSTRAND ELIWENZA NGEMPUMELELO ENKULU LO MSEBENZI UKUSUSELA EKUQALANI UKUYA EKUGQIBILENI.**

Ukuthenga indlu yakho, okanye ukutyalala imali yakho ngayo nayiphi na indlela yothengiso lomhlaba, luxanduva olukhulu nolufuna ukuba uluthathele ingqalelo olu ukusukela ekuqaleni ukuya ekugqibeleni.

Khawufane ucinge indlela onokuba buhlungu ngayo xa unokulinda ixesha elide ungangeni endlwini oyithengileyo ngenxa yokuba amaphepha endlu engalungiswanga ngokupheleleyo...

Kungcono usebenzisane neSebe leZakhiwo laseOverstrand kwasekuqaleni ukuya ekugqibeleni xa uthenga indlu kunokuba uphoxeke.

Ngentsebenziswano yakho, singaqinisekisa ukuba iiplani zendlu nako konke okusemhlabeni wakho kukwifayile (kuquka idama lokuqubha, izindlu ezenziwe ngamaplanga nokunye). Siqinisekisa ukuba iziqinisekiso zokuhlala zikhutshelwe zonke iiplani eziphunyeziweyo ngokweerekhodi; kwaye nokuqinisekisa ukuba iitayitile zikhutshwe zine-miqathango yazo.

Umnikazi-mhlaba obhalisiweyo kufanele azi ukuba nguye oyakuthatha uxanduva ngazo naziphi na izakhiwo ezakhiwayo emhlabeni lowo. Kwaye kufanele azi ukuba akukho sakhiwo esakwakiwa kulo mhlaba ngaphandle kokuba kupasisewe iiplani zeso.

Kwangokunjalo, abanini-mhlaba abasemthethweni kufuneka ungqibaleli ukuba baya kuphendula ngezakhiwo ezikwimihlaba yabo kwaye bayazi nento yokuba akuvumelekanga ukwakha kuwo nawuphi na umhlaba ngaphandle kokufumana iiplani evunyiweyo.

Ukuqinisekisa ukuba amaphepha akho omhlaba ahamba kakuhle ngokweepiani, qinisekisa ukuba undwendwela ii-ofisi zeSebe leZakhiwo zaseOverstrand kuyo nayiphi na idilesi kwezi zibhalwe ngezantsi:

**KLEINMOND:**  
37 5<sup>th</sup> Avenue  
028 271 8427

**HERMANUS:**  
Paterson House 2  
16 B Paterson Street  
028 313 8089

**GANSBAAI:**  
Main Road  
028 384 8321

## UBAMBISWANA OLUYIMPUMELELO LOKUQINISEKISA UKUTHOTYELWA KOMTHETHO WENDLELA NGEXESHA LEPASIKA



Amagosa aseOverstrand ezeNdlela noQinisekiso loThotyelo-mthetho ebambisene nawaseTheewaterskloof, abasemagunyeni bezendlela abaphuma kwiphondo kunye neNkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika ekuphumezeni iinkqubo zokubamba ucwango ezindleni ngexa leeholide zePasika.

Eyona njongo iphambili kukuqinisekisa ukhuseleko ngelona xesha lixakekileyo leeholide zePasika, iinkqubo zikagqoqqa ezindleni zenziwe kwimigama engashiyani kakhulu, kwindawo nje ezingalindelekanga kusenzelwa ukuqinisekisa ukuba abaqhubi bakulungele ukuqhuba kwaye nezithuthi zabo zikulungele ukuba sendleleni. Olu gqoqoqo luthi lwaba neziphumo ezintle neziveze ebekungalingidelekanga apho ngananye amaxesha bekukho izithuthi ezinenombolo zobhaliso lwezithuthi ezikrokrisayo.

Njengephulo elibalulekileyo lokumanyisa iinkqubo zenkonzo ezahlukeneyo kujoliswe kukhuseleko lweendlela nasekulweni ulwaphulo-mthetho kwindawo yaseOverstrand, ugqoqo lwamapolisa endlela belujolise ekuqinisekiseni ukhuseleko kubakhweli bezithuthi zikawonke wonke (bejolise ekuqinisekiseni ukuba zinazo ipemithi kwaye azikhwelisanga ngaphezulu komlinganiselo) kwaye kujongwe nokuba isithuthi sikulungele na ukuba sendleleni. Kwangaxeshanye bekuqwalaselwe ukuba abahambi ngendlela nabo bayisebenzisa ngokufanelekileyo indlela kwaye nabaqubi bexhotyiswa ngobungozi bokuqhuba udiniwe.

Njengesiqhelo, bekuqinisekiswa isantya esisiso endleleni ngamaxesha onke kwaye nabani na ebefunyaniswa ehuba ephantsi kweempembelelo zotywala ebebaniwa kwangoko. Ngokubonakala kwamagosa endlela kuyo yonke indawo oko kudale amanani aphantsi olwaphulo-mthetho wendlela, wonke amagosa ebebambisene kweli phulo kwaye enze konke okusemandleni awo ukuqinisekisa ukuba iOverstrand inika ingxelo engenazingozi ezimbi kwaphela nezisuba ubomi babantu.

## I-ONRUS CARAVAN PARK IKHAWULELANA NGQO NEMINGENI YOKHUSELEKO

Ubundlobongela buya bunyukela kwiqondo eliphhezulu kwinkampu yoluntu i-Onrus Caravan Park kwaye oko kuxhalabisa ngamandla kubalawuli. Ngexesha leeholide zenyanga yoMnga nangeli xesha lisanda kudlula lempela-veki yeeholide zePasika, kubikwe iziganeko ezisixhenxe zobusela nezokonakaliswa kwendawo kwaye baninzi abaveze iimbono zabo ngalo mba.

Le ndawo ibude bungangekhilomitha e-1 nobubanzi obuzimitha ezi-2, le nkampu yekharavani inkulu neyaziwayo inezitandi ezingama-250 kuzo ezingama-70 zinabantu noxa behlala ngokungesoxixina. Abakho ngaphantsi kwe-1300 abantu abahlala e-Onrus Caravan Park ngexesha lonyaka elixakekileyo bephuma bengena kule nkampu ukususela ngentseni ukuya ukutshona kwelanga.

Ngohlobo ezilule ipaki zekharavani zenza kubelula ukuba ezi ndawo zibe ngamaxhoba olwaphulo-mthetho. Esona sizathu siphambili sokuba ezi ndawo zibe ngamaxhoba olwaphulo-mthetho kungenxa yokuba kulula ukungena kwiikharavani neentente, ukufika kwabantu ngabantu rhoqo nangenxa yokuba abantu abahlala kwezi nkampu baphatha izinto "ekungalula

ukuba zibiwe", utshilo uRhyn Potgieter onguMlawuli weePaki.

UMasipala wase-Overstrand ugqibe ekubeni akhawulelane ngqo nale meko echaphazela iipaki, uqale ngokuwenza ngqingqwa umthetho wokungena kumangano ezi paki. I-Onrus Caravan Park inenani elikhulu labantu abasuka ngaphandle ekuza kuhlala kule nkampi. Zininzi iindlela ezizanywayo ukubek' esweni ukungena apha, ukususela ekubeni ubani ohlala apha abe nesitshixo sakhe sesango eliseDavies pool ukuya kumagama abantu abahlale kwiphethana atywinwa ngeplastiki kunye nebhantana lesihlahla elinemibala ethile.

Ukwangeza, Ikomiti yewadi yomasipala wasekhaya imisele ikomitana yethutyana ephantsi koceba omtsha osanda kwanyulwa uGqr Junita Kloppers-Lourens ukuba ibe yiyo ejongana nemingeni kunye nokuphakamisa ulawulo olululo lwe-Onrus Caravan Park.

Okwangoku mithathu imingeni esele iqatshelwe: a) ukhuseleko yeyona ngxaki iphambili, b) Inani elinganelanga labacosi ingakumbi abokucoca iindawo zangasese ingakumbi ngexesha lokugcwala kwayo c) kwakunye nemfuno yokwenza ngocono izi-

iseko ezingundoqo kwaye oko kufuna imali.

Ngexesha lePasika kuqeshwe abasebenzi bethutyana ukucoca iindawo zangasese rhoqo kwaye oko kwenze umahluko omkhulu.

Kuqhutywa uphando malunga nokuvavanywa nokuhlola kweendlela zokuphucula iizeko ezingundoqo oko kusenzelwa iinkqubo zohlalo lwabiwo-mali zexa elizayo.

Ngokubhekiselele kukhuseleko, owona mngeni uphambili ngulowo wokubiwa kwezinto nokonakaliswa kweentente.

Ukhuseleko ngowona mngeni uphambili. Ngaphandle kwemingeni eyenzekileyo kubaniki zinkonzo zokhuselo, Inani lonogada lenyusiwe ngexesha leeholide zepasika kwakunye nonogada ohamba nenja yokhuseleko wongeziwe ukukhusela abo bahlali basezinkampini. UMasipala usaphonononga icebo lekhemera ze-CCTV kwiindawo ezakubonisa kakuhle abo bafuna ukungena ngocingo kwindawo leyo. Ucingo olubude bungama-2, 4 emitha ubuda lafakwa kunyaka wama-2007 kwaye umasipala ucinga ngokongezelela ucingo oluhlabayo ukuqinisekisa ukuba akukho bani onokuzama ukungena apho.

Ngexesha leeholide zeHlobo umasipala ucinga ukuba enze uvavanyo-zimvo kubasebenzisi bendawo batsho ukuba baziva njani ngayo ukuqinisekisa ukuba i-Onrus Caravan Park ihlala ikumgangatho onguwo nothandwayo ngabasebenzisi bayo. Okwakaloku nje abalawuli enkampini bayababongoza abo batyelela le ndawo ukuba babeke iiliso kwizinto zabo ezingaphandle kweekharavani neentente. Xa uhlela enkampini kusebenza into ethi "engekho phambi kwakho into iyalibaleka", kwaye bonke abo bahlala enkampini bathi xa befika baxhotyiswe ngezinto ekufanele bazenze nezo kufanele bangazenzi. Ukuzekungabikho kuhendeka apha enkampini abo bahlala apha kufanele baziqoshelise izinto zabo zexabiso ezifana nemali, ilaphutopu nezingxotyana zemali- konke oku kufanele kubekwe endaweni ekhuselekileyo. Eyona nto ingcono kunazo zonke kukuzitshixela. Kwakhona, abo bahlala enkampini bayacetyiswa ukuba basishiye sikhanyisa isibane sangaphandle kwaye baqinisekise ukuba libhotile zerhasi, ibhayisikili, amaphenyane amancinci nako konke okunye kukhuselekele.

## UKUZIKHUHLA UBUSO/UMZIMBA / AMAZINYO NGEPLASTIKHI UNGAQONDANGA

**Funda okubhaliweyo kwileyibheli uthi HAYI  
kumasuntswana eplastikhi (microbeads)**

I-Microbeads luhlalutyana olungamasuntswana olwenziwe ngeplastiki okungekho lula ukulubona ngeliso lenyama, luthi ludityanisiwe neesepha, intlama yamazinyo nezinye izinto zokuthambisa ezifana nesicoci-buso okanye izikhuhli-mzimba, izithambisi-milomo kwakunye neepayinti zeenzihlo.



La masuntswana nangaphantsi kwe-1 mm ubukhulu, ziye zihambe ngombobho wogutyulo mancane kakhulu, kwaye akanako "nokubambeka" kwizihluzi eziba koomatshini abakhulu bokuhlanga amanzi. Kuthi ke xa zisetyenziswa rhoqo, intlaninge yala masuntswana iye iphele seyingena nakwimijelo yamanzi, kwitheku lamanzi naselwandle.

Njengokuba enziwe ngeplastiki nje, awanyibiliki ayathanda akuphazanyiswa nokutya zizilwanyana ezikhukuliseka namanzi okanye zezo zilwanyana ezizondla kwiisefu ezicoca amanzi. Azizizo zonke ke izilo ezikwaziyo ukukhuphela ngaphandle komzimba la masuntswana eplastiki emva kokuba ziwatyele, oku kwenzeka ukuba adaleke aba maninzi emzimbeni weso silwanyana siwatyele kuze oko kubangele ukuba la masuntswana afumaneke ekutyeni esikutyayo ngenxa yokuba atyiwe zintlanzi, iintaka nezinye izilwanyana eziphila elwandle!

Eyona nto seyingamandla koku: kukuba umphandle wala masuntswana eplastiki uthi utsale kwaye ufunxe ukungcola okungasukiyo okubakhona emanzini okufana neDDT okanye iPCB ezikumanzi angqonge indawo leyo enezilwanyana oko kungachaphazela izihlunu zezilwanyana xa la masuntswana etyiwe zezo zilwanyana.

Abenzi bala masuntswana eplastiki akufanelekanga ukuba bayawasebenzisa, bakwenza oku kuba kuxabisa kancinci, bangasebenzisa ezinye izinto ezizinkwa yindalo ezifana nendongomane i-almondi elucijweyo, amakhatshu okanye amaqokobhe embewu ye-aprikothi.

Amasuntswana eplastiki amaninzi enziwe nge-polyethylene (PE), kodwa xa ujonge okubhaliseyo kwisicoci-mzimba qaphela nale mixube ilandelayo i-polyethylene terephthalate (PET), polypropylene (PP), polymethyl methacrylate (PMMA) nenayiloni. Ukuba olu hlobo lweplastiki ludityanisiwe kuluhlu lo mxube kungcono ujonge izicoci-mzimba ezisebenzisa amachiza endalo.

Yenza eyakho indima ekugcineni iOverstrand ikwimo yayo yendalo ilungele zonke izilwanyana - ezasendle nezaseamanzi elwandle.

**Ukuba unezimvo ngoku okanye uneengcebiso zive ukhululekile; e ukuba uqhagamshelane noFiona Mathes ngokuthumela i-imeyile ke- [Fionamathes@gmail.com](mailto:Fionamathes@gmail.com).**

## INZALELWANE ZASE-ITHALI ZIZIMISELE UKUBA IINTLIZIYO ZABANINZI



**iTRIO BROZ**

Iqela labantu abatsha nabanika umdla iTRIO BROZ (odlala ivayolina, ivayola necello) bakuphinda kwakhona bathathe iqonga nguLwesihlanu, umhla wama-20 kuMeyi besonwabisa abathandi bomculo base-Overstrand. Abahambi beekon-sathi bakubakhumbula njengodade ababini abahamba nomntakwabo abadlala umculo ngokungathi babetha isixhobo somculo esinye. Le nkqubo iquka i-Minatures ngokudlalwa nguDvorak, i-Intermezzo ngokudlalwa nguKodaly, i-Serenade Op 10 ngokudlalwa nguVon Dohnanyi, neengoma ezimbini ezidlalwa iTRIO zidlalwa nguBellini no-Ungherese kwakunye ne-Serenade Op 9 edlalwa nguLajtha. Qiniseka ukuba awuphoswa ngulo mculo uhlaziyayo no-vuselelayo!

Le konsathi iqala ngeye-19:00 eCivic Auditorium eHermanus kwaye amatikiti i-R120 (ngama-R60 kubafundi). Bhukisha e-BELLINI kule nombolo 028 312 4988. Ngemibuzo ethe vetshe qhagamshelana noNobhala uRené du Plooy kule nombolo 082 940 4238.

# UKUNCITSHISWA KWENKUNKUMA

Kunyaka odlulileyo iOverstrand iphinde yaphumelela emagqabini kwicandelo 'lenkunkuma' kuKhuphiswano lweyona Dolophu iCocekileyo. Ukuphumelela kolu khuphiswano akuthethi nje ukuthuthwa kwenkunkuma yasemakhayeni iveki neveki kodwa kuquka neminye imiba emininzi. Okona kubalulekileyo apha lucoceko lwedolophu ngokubanzi, indlela ekulawulwa ngayo iindawo zokulahla inkunkuma nokulandela imimiselo ekwiipemithi zezi ndawo.

Noxa kunjalo okubalulekileyo kokokuba xa kujongwa abaphumeleleyo, iSebe leMicimbi yokusiNgqongileyo liqwalasela iindlela ezinobuchule umasipala azisebenzisileyo ukuthun-deza uluntu lusebenzise iindlela zokusebenzisa kwakhona inkunkuma elahlwayo nangendlela esetyenziswa ngayo inkunkuma nobuchule bokuyenza inkunkuma yokwakha ibe ngumgquba.

Ewe, yonke imiba ebhekiselele ekulahlweni kwenkunkuma iphicothwa ngokugqibeleleyo. Ngokomthetho inkqubo yokulahlwa kwenkunkuma kuthande ukuba yinto enobunzima kakhulu ngenxa yemithetho engqongileyo emiselwa minyaka le. Kwakhona inkqubo yokulahlwa kwenkunkuma luye luxabisa kakhulu.

Ukwenza nje umzekelo, kukho indawo entsha yokulahla inkunkuma esandula ukwakhiwa eKarwyderskraal ngezigid ezi-9.3. Nangona kunjalo imigaqo elandelwayo yokwakha le ndawo yokulahla inkunkuma ibe yenobuceducedu obukhulu kakhulu, into ethetha ukuba xa isandiswa le ndawo yokulahla inkunkuma kwixa elizayo iya kube ibiza kakhulu.

Kungoko ke kubalulekile kuthi bantu baseOverstrand ukuba senze konke okusemandleni ukulawula inkunkuma elahlwayo ukwenzela ukuba le ndawo kulahlwa kuyo ithathe ixesha elide isebenza ingagcwali kamsinyane, kwaye asenzi kakubi kakhulu noko. Xa sithetha inyani, eOverstrand "inkunkuma ebekufanele ukuba iyahlahlwa" engama-39% iye ikhutshelwe bucala: Leyo yipresenti ephazulu kakhulu elizweni jikelele!

Kambe nakuba kunjalo lisoloko likhona ikroba lokuba singakuphucula oku, ngakumbi sijongene nale ngxaki yemali eninzi ngokugqithisileyo eya ikhula ngokukhula nengumthwalo koomasipala malunga nokulahlwa kwenkunkuma ngendlela engayi kuyichaphazela kakubi indalo.

**Ukuba ufuna ukwenza eyakho indima, vele nje wenze oku kulandelayo:**

### YISEBENZISE NGOKUTSHA INKUNKUMA NGENYAMEKO

- Faka iiglas, iitoti, iikhadibhodi namaphepha kwiplastiki ekhanyayo oyifumana kumasipala. Ungaxhalabi ngesimo ezikuzo ezi zinto. Izinto ezinokuphinda zisebenze zihlanga-hlengiswa kwindawo yethu yokwenza lo msebenzi, ize enye inkunkuma isiwu kwindawo yokulahla inkunkuma elungele oko kulahlwayo.

### YENZA UMGQUBA

- Yiguqule inkunkuma yakho yegadi ibe ngumgquba. Lilonke, iinkunkuma eninzi yekhitshi lakho ungayiguqule ibe ngumgquba endaweni yokuba yinkunkuma elahlwayo incede ukuchuma umhlaba. Xa ufuna isikhokelo ngokungena kule webhusayithi: [http://www.wwf.org.za/act\\_now/green\\_living/at\\_home/make\\_your\\_own\\_compost/](http://www.wwf.org.za/act_now/green_living/at_home/make_your_own_compost/)

### GCINA INKUNKUMA YOKWAKHA ICCEKILE

- Ngokuqinisekisa ukuba imithetho esisiseko iyalandelwa kwindawo owakha kuyo, kungakuhle ukusebenzisa izikhongozeli zokufaka iinkunkuma ukuthintela ukuba inkunkuma eninzi yokwakha enokuba negalelo elingelihlanga endaweni esingqongileyo iye kugalelwa kwindawo engafanelekanga.

### SEBENZISA IMIGQOMO YENKUNKUMA ELUHLOBO OLUYI e-WASTE BINS

- Imigqomo eyodwa yokulahla inkunkuma yezinto ezisebenza ngombane ifakelwe kuyo yonke iOverstrand. Ikhona enye ekwindawo yokulahla inkunkuma eseGansbaai, kwindawo yenkunkuma eseStanford kunye nezitishi ekuthunyelwa kuzo zase-Hermanus naseKleinmond. Ukuba ufuna ukulahla iiprinta ephelilewe lixesha, ikhompyutha, icelula okanye izinto zolu hlobo ungazilahla apha. Thina sizisa kwiinkampani ezikwaziyo ukuzilungisa kwakhona okanye bazilahle ngohlobo olufanelekileyo nolungachaphazeli indalo.

### LAHLA INKUNKUMA ENOBUNGOZI NGENKATHALO

- Kufakelwe indawo zokulahla inkunkuma enobungozi ezizodwa kwiindawo ekuthunyelwa kuzo inkunkuma eGansbaai, neseStanford ize inye ithunyelwe kwiindawo ezise-Hermanus naseKleinmond. Nceda usebenzise ezi ndawo ukulahla izinto ezifana neebhetri, iiglowubhu eiphelelwe kade, i-oyle endala yemoto, izitshabalalisi zohlaza olungafunekayo, izibulala-zinambuzane njalo njalo.

**IOverstrand iyazamkela iingcebiso esinokuzisebenzisa ekunciphiseni nangakumbi inkunkuma. Thumela iingcebiso zakho ku: [jvantaak@overstrand.gov.za](mailto:jvantaak@overstrand.gov.za) okanye utsalele kule nombolo 028 313 5045.**



**Ubhalisa njani ukuze ufumane inkonzo ye SMS ka Masipala? Thumela i-SMS enenombolo ye akhawunti kamasipala namagama athi**

**SMS kule nombolo 082 338 1631 okanye uqhagamshelane nesebe loncedo lwabantu kwifosi yokurhafa ekufutshane kuwe.**

